Isalathiso: 20161010-4909
12/2/10/3
Imibuzo: C Adriaans

INgcaciso eMfutshane yeCandelo loLawulo loLwazi neNgcaciso: 0001/2017

Iya: KuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli (kwaNdlunkulu nakwii-ofisi zezithili), kuBaphathi beeSekethe nakwiNqununu zezikolo zikarhulumente eziqhelekileyo nezezikolo ezizimeleyo

Isihloko: ISaveyi eQuphayo ka-2017 yezikolo zikarhulumente eziqhelekileyo nezikolo ezizimeleyo, utshintsho kuLwimi lokuFunda nokuFundisa nakwizifundo ezenziwa ngabafundi

1. ISaveyi eQuphayo (*SNAP Survey*) ka-2017

a. ISaveyi eQuphayo (*SNAP Survey*) yaqho ngonyaka yezikolo zikarhulumente eziqhelekileyo neyezikolo ezizimeleyo iya kusetyenziselwa ukulawulwa nokuphathwa kwezikolo, kwakunye nasekukhutshweni kwezibonelelo zoncedo ukulungiselela u-2017.

b. ISaveyi eQuphayo yezikolo zikarhulumente eziqhelekileyo neyezikolo ezizimeleyo mayizaliswe yaye isayinelwe yinqununu kwi*CEMIS* ungadlulanga owe-24 Januwari 2017. Umhla osikiweyo kuBaphathi beeSekethe wokusayinela ekhompyutheni idatha yeSaveyi eQuphayo ye*CEMIS* (*CEMIS SNAP survey data*) ngowe-27 Januwari 2017.

c. Phambi kokusayinelwa kwayo kwi*CEMIS*, inqununu okanye lowo kudluliselwe kuye amagunya, makaqinisekise ukuba kwenziwe oku kulandelayo:

i) Bonke abafundi ababhalisiweyo nabahamba isikolo ngo-2017 mabavele kwibakala neklasi echanekileyo yabo kwi*CEMIS*.
ii) Nawuphi na umfundi obelindeleke ukuba abuyele esikolweni, kodwa akafika esikolweni sakho kwade kwadlula owe-24 Januwari 2017 ukuza kubhalisa, makakhutshwe ezincwadini ngokungqinelana nomgaqo-nkqubo wokuhamba isikolo kwabafundi. (Aba bafundi banokubhaliswa kwakhona kwi*CEMIS* ukuba beza kubhalisela ukwamkelwa esikolweni emva kowe-24 Januwari 2017.)
iii) Ilisti yootitshala abakwi*CEMIS* mayihlaziywe yaye ingqinisiswe, ungadlulanga owe-24 Januwari 2017, yaye kungqinisiswe nemeko yokuqeshwa kwabo kwi*CEMIS*. Isikrini sesishwankathelo sengcaciso engootitshala (*staff summary*

screen) kwi*CEMIS,* siya kufaka ingcaciso ngokuzenzekelayo kusetyenziswa idatha yootitshala engqinisisiweyo (*verified educator data)*. Izikrini zokufaka idatha (*capture screens*) ezinika ingxelo ngenani elichanekileyo lootitshala abasesikolweni mazizaliswe ngokuchanekileyo.

iv) Makuzaliswe icandelo lesaveyi elisayinelwayo (*sign-off section*).

2. **ULwimi lokuFunda nokuFundisa**

   Iinqununu maziqinisekise ukuba izifundo zolwimi nolwimi lokufunda nokufundisa *(LoLT*) zifakwe ngokuchanekileyo ekhompyutheni ngomfundi ngamnye phambi kokuphela kukaFebruwari 2017. Kuya kunikwa iingxelo ezingokusayinelwa kwedatha (*data sign-off reports*) kwizifundo nakwi-*LoLT* ngoFebruwari 2017.

3. **Ukutshintshwa kwezifundo kuwo onke amabakala**

   Makutshekishwe izifundo zawo onke amabakala ukuqinisekisa ukuchaneka kwazo. Izikolo ezifundisa iBakala 12 maziqinisekise ukuba utshintsho olwenziwa kwizifundo luyazaliswa ukwenzela ukusayinelwa kwazo ungadlulanga owe-27 Januwari 2017. **Ifasilithi yesicelo sokutshintsha izifundo zabafundi kwiBakala 12 iya kufumaneka de kube sekupheleni kukaJanuwari 2017 kuphela.**

4. Inkqubo yasekhompyutheni i-*EMIS data quality* iya kuqhagamshelaniswa neentlawulo ezenziwa ngoomatshini zemimiselo nemigangatho (*norms and standards transfer payments*). Iingxelo ze-*EMIS data compliance* ziya kufumaneka kwiinqununu kwi*CEMIS* ukususela ngowe-09 Januwari 2017. Inqununu mayilawule ukwenziwa kwale misebenzi ifunekayo ukuqinisekisa ukuchaneka kwedatha kwi*CEMIS*.

5. ISebe leMfundo leNtshona Koloni liyalithakazelela igalelo nokuzimisela okubonakalisiwe ngawo onke amagosa emfundo ngowe-2017. Sijonge ngethemba kwinkxaso yenu eqhubeka okokoko ngo-2017.

ISAYINWE: NGU-BK SCHREUDER
INTLOKO YESEBE LEMFUNDO
UMHLA: 2016-12-15